# AMAHLUBI EGRIQUALAND EAST.

## (1) ULUDIDI.

ULudidi uzalwa nguMthimkhulu owesibini. ULibone emZinyathi iLanga. Ube eyindoda emfutshane ngethambo, ebala ligwangqa enesiqu kanobomi. Unyana lo wakhe uMeyisi kuthiwa ebefana naye.

Ngenkcithakalo kwelaseNtla yena uthinjwe ngamaNgwane ka-Matiwana. Kuthe okuya amaNgwane aseMbolompo ngomnyaka we 1828, ahlaselwa ngumkhosi wamaNgesi ukunye nabaThembu namaGcaleka, agxothwa amaNgwane, zithe iindwayinge ezasalayo kumaNgwane zacela ukuba zizalwe ebaThenjini. Kubekho maHlubi athile asalayo awaye ngabathinjwa; kucacé into yokuba

